



Read in your language!

We all have at least one language that we understand and communicate best in, although some of us may have more! People use different labels for this language – like “mother tongue” or “mother language” or “home language” – but it is the language we learnt first. It’s the language we think and feel in, the one in which it is easiest for us to express ourselves and communicate with others.

From birth, children hear language around them. First they understand it and then they start to use it themselves. In fact, by the time they are five years old, children’s brilliant young brains have helped them learn how to think and communicate in their home language. But they do still need plenty of opportunities to hear and use their language so that they know it well enough to learn increasingly difficult concepts and skills.

Being read to in your own language should not be considered a nice optional extra for children. It is really an essential and powerful part of learning language and developing literacy. When you read to children regularly in their home language/s, you give them a strong language foundation that makes all learning easier.

If you don’t understand what you are reading, then you are not really reading – no matter how well you can say the words on the page! So, because understanding is at the heart of reading, children need to listen to stories being read in their home language. They can then concentrate completely on the flow of the story instead of struggling to understand a language they don’t know well yet.

Good stories are full of creative language that stimulates our imaginations and gets us thinking about how to solve problems. Authors carefully pick words and phrases that unlock the worlds they are creating for their readers. Like a hearty soup provides goodness to nourish our bodies, reading great stories provides goodness to nourish our minds. They inspire children to read in their home language and then, later on, to learn to read stories in other languages too.

Funda ngolwimi lwakho!

Sonke sinolwimi esilugqondayo olunye ubuncinane nolulolona siluthetha kakuhle, nangona abanye bethu banganeelwimi ezininzi kunoko! Abantu balubiza ngeendlela ezininzi olo lwimi – “njengolwimi lweenkobe” okanye “ulwimi lwasekhaya” okanye “ulwimi lwebele” – kodwa olo lwimi esiqala ngalo ukulufunda. Lulwimi esicinga ngalo nesivakalelwa ngalo, olona lwimi sikuva kulula ukuvakalisa izimvo zethu ngalo nokunxibelelana ngalo nabanye abantu.

Ukusukela ekuzalweni, abantwana beva ulwimi kuyo yonke indawo abakuyo. Baye baqale ukuzama ukulugqonda ze baqalise ke nabo ukulusebenzisa. Kunjalo nje, bathi xa befikelela kwiminyaka emihlanu, zibe iingqondo zabo ezincinane nezikrelekrele sele zibancedile bafunda iindlela zokucinga nokunxibelelana ngolwimi lwabo lweenkobe. Kodwa ke, babe besadinga amathuba amaninzi kakhulu okuva nokusebenzisa ulwimi lwabo ukuze balwazi ngokwaneleyo khon’ukuze bafunde iingqikelelo nezakhono ezihamba zibe qatha.

Ukufundelwa ngolwimi lwakho akumele kube yenye nje yezinto ezimnandi ezinokukhethwa ukwenzelwa abantwana. Eneneni le yinxalenye ebalulekileyo nenamandla yokufunda ulwimi nokuphuhlisa iliitheresi. Xa ufundela abantwana rhoqo ngolwimi/ngeelwimi zeenkobe, ubanika isiseko esilugqilima solwimi esiya kwenza konke ukufunda kube lula.

Ukuba awukuqondi oko ukufundayo, eneneni awufundi – nokuba ungawabiza kakuhle kangakanani na amagama akwelo phepha! Ngoko ke, ngenxa yokuba ukuqonda kungundoqo wokufunda, abantwana kufuneka baphulaphule amabali abawafundelwa ngolwimi lwasekhaya. Ngoko ke baya kukwazi ukuzikisa iingqondo zabo ebummandini bebali endaweni yokusokola bezama ukulandela ulwimi abangekahlwazi kakuhle.

Amabali angawo ngazele bubuciko bolwimi obuvuselela ingqikelelo nemifanekiso-ngqondweni buze busenze sicinge ngeendlela zokusombulula iingxaki. Ababhali bakhetha ngobunono amagama namabinzana abathi bawasebenzisele ukuvula iingcango zehlabathi abalakhela abafundi babo. Njengoncuthu lwesuphu eyondla neyakha imizimba yethu, ukufunda uncuthu lwamabali kwakha ze kondle iingqondo zethu. Athi avuselele abantwana ukuba bafunde ngolwimi lwabo lweenkobe, ukuze emva koko, batsho bafunde ukufunda amabali nangezinye iilwimi.



Drive your
imagination



IT STARTS WITH
A STORY.
SONKE KUQALA
NGEBALI.

Bhiyozela iilwimi zethu!

Ke rata mainane ka puo ya gaetshe!

Ke rata dipale tse leng ka dipuo tsa ka!

Ke rata dikanegelo tsa polelo ya ka!

Ndiyawathanda amabali abhalwe ngolwimi lwam!

NGIYAZITHANDA IZINDABA NGOLIMI LWAMI!

Ngizazithanda iindafana ezingelimi lesikhethu!

Ngitsandza tindzaba leticocwa ngelulwimi lwami!

Ndzi rhandza mitsheketo hi ririmi ra mina!

Ndi funa zwiṭori zwo nwaliwaho!

Ek hou van stories in my taal!

I love stories in my language!



Celebrate our languages!

Setswana Sesotho Sepedi IsiXhosa IsiZulu IsiNdebele Siswati Xitsonga Tshivenda Afrikaans English

Contact us in any of these ways:

Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

www.nalibali.org

www.nalibali.mobi

[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.twitter.com/nalibaliSA)

[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)

info@nalibali.org

Nalibali

Choosing books



Which books get children begging for more? Younger readers often choose a book because they like the illustration on the front cover! More experienced readers might choose a book that is on their favourite subject or by their favourite author. So, how do you choose books for children? Here are some ideas.

Ukukhetha iincwadi

Zeziphi iincwadi ezibenza abantwana bafune ukufunda nangakumbi? Kumaxesha amaninzi abafundi abancinane bayikhetha incwadi kuba bethanda imizobo yayo eseqweqweni elingaphambili! Abafundi abanamava bangayikhetha ngenxa yokuthanda umba engawo okanye ngenxa yokuthanda umbhali wayo. Ke ngoko, ubakhethela njani abantwana iincwadi? Nazi ezinye iingcebiso.

- ★ Ask around! Check with your children's friends what they have enjoyed reading or ask other parents what their children are reading at the moment. Get to know your local librarians and ask them which authors children of a particular age usually enjoy.



- ★ Inyathi ibuzwa kwabaphambili! Buza abahlobo babantwana bakho ukuba yeyiphi na incwadi yokufunda abayonwabelayo okanye ubuze kwabanye abazali ukuba zeziphi na iincwadi abantwana babo abazifundayo ngalo mzuzu. Yazana ngcono noosothala bendawo ohlala kuyo uze ubabuze ngababhali abonwatyelwa ngabantwana abakwiminyaka ethile.

- ★ Books for babies and pre-schoolers should be in their home language, where possible. Try translating books that have very few words yourself if they have not been published in the language you need. Also, look out for home language books for older children – nothing beats reading a story in your own language!



- ★ Iincwadi zeentsana nezabo basalungiselela ukuqala isikolo kufuneka zibe ngolwimi lwabo, xa iimeko zivuma. Zama ukuziguqulela kulwimi lwakho iincwadi ezinamagama ambalwa ukuba azipapashwanga ngolwimi olufunayo. Kananjalo, zama ukukhangela iincwadi zabantwana abadala ezibhalwe ngolwimi lweenkobe – akukho nto imnandi ukodlula ukufunda ibali ngolwimi lwakho!

- ★ Babies like brightly coloured pictures, or photographs of objects or people with simple text. They also love the rhythms of language, so books with repetition and rhyme usually work well.



- ★ Iintsana ziyazithanda iincwadi ezinemifanekiso enemibala eqaqambileyo, okanye ezineefoto zezinto okanye zabantu nezinetekisi ebhalwe ngendlela elula. Bayavana nokuva isingqisho solwimi, ngoko ke iincwadi ezinophindaphindo nezicengelezo zezona zibalungeleyo.



- ★ Wordless books are a great investment because you get the chance to tell a story to your children in your own way in any language you like – and then they can create their own stories with the books too.



- ★ Iincwadi ezingenamagama zilulutho kakhulu ngoba ufumana ithuba lokulibalisa ibali ngendlela yakho nangaluphi na ulwimi oluthandayo – bathi ke nabo bakwazi ukuziqambela awabo amabali.

- ★ They say that variety is the spice of life. This is true with books too. Choose some books that reflect things that will be familiar to your children – for example, books in which the homes look like your children's. And choose other books that provide new experiences, like stories set in different places and cultures.

- ★ Kudla ngokuthiwa ukuzixuba uzivanga sisinongo sobomi. Oku kuyinyaniso nasezincwadini. Khetha iincwadi ezibonakalisa izinto ezichaphazela ubomi babantwana bakho – umzekelo, iincwadi ezinemifanekiso yezindlu ezifana namakhaya abo. Uze ke ukhethe nezinye iincwadi ezibanika amava amatsha, ezifana namabali enzeka kwezinye iindawo naneenkubeko ezahlukileyo.

- ★ When children can already read, it's best to choose some books that they can read on their own and some books (with more complicated language and plots) that you can read to them.



- ★ Xa abantwana sele bekwazi ukufunda, okona kulungileyo kukubakhethela iincwadi abanako ukuzifundela ngokwabo; kwakunye nezinye ke iincwadi (ingakumbi ezo zinolwimi oluntsokothileyo namabali anzima) onokuthi ubafunde ngokwakho.



- ★ Stories about difficult things in children's lives – like the arrival of a baby, illness, divorce or friendship challenges – can help them process their feelings and face their fears.



- ★ Information books are not just for older children. Factual books help children to learn about our world and encourage them to be curious!

- ★ Amabali amalunga nezinto ekungelula ukuba abantwana baziqonde – ezifana nokuzalwa kosana elusatsheni, ukugula komntu othile, ukuqhawulwa kwemitshato ngabazali okanye imiceli-mngeni engobuhlobo – anokubanceda bamelane neendlela abaziva ngazo ze bakwazi nokumelana noloyiko abanalo.



Find more information on reading and sharing stories with children at www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

Fumana iinkcukacha ezithe vetshe ngokufunda nokwabelana ngamabali nabantwana ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.



Drive your imagination

Days to celebrate in March!

This March, we want to celebrate or think about how important books, stories and poetry are in making our lives more enjoyable! Here are three days on which we can make a special effort to make our children more aware of the power of books, storytelling and poetry to grow their imaginations, vocabulary and understanding of people and the world. But remember to enjoy stories and poems every day!

World Book Day

4 March 2021

On World Book Day we celebrate books by reading them, doing activities related to our favourite parts of a book and dressing up as characters from books. It's also a day to share books, swap books, donate books and make our own books!

Usuku lweNcwadi lweHlabathi

Umhla wesi-4 kuTshazimpuzi kowama-2021

NgoSuku lweNcwadi lweHlabathi sibhiyozela iincwadi ngokuthi sizifunde, senze imisebenzi enxulumene neendawo esizithandayo ezincwadini sinxibe ngokufanayo nabalinganiswa abasezincwadini. Ikwalusuku lokwabelana ngeencwadi, ukutshintshiselana ngeencwadi, ukunikezela ngeencwadi, nokuzenzela ezethu iincwadi!

Iintsuku ezikubhiyozelwayo ngoTshazimpuzi!

Kule nyanga kaTshazimpuzi, sifuna ukubhiyozela okanye sicinge ngendlela ezibaluleke ngayo iincwadi, amabali nemihobe ekwenzeni ubomi bethu bube mnandi nangakumbi! Nazi iintsuku ezintathu esinokwenza ngazo amalinge akhethekileyo ukwenza abantwana bethu bazi ngakumbi ngamandla eencwadi, ukubalisa amabali nemihobe ukukhulisa imifanekiso ngqondweni yabo, isigama neengqiqo ngabantu nelizwe. Kodwa khumbula ukuwonwabela amabali nemihobe yonke imihla!

World Storytelling Day

20 March 2021

Storytelling is an important part of children's and adults' lives. Adults love telling stories, and children love hearing stories! Stories are used to pass on the history and traditions of families and communities. On World Storytelling Day, people tell and listen to stories in as many languages as they can.

USuku lokuBaliswa kwaMabali kwiHlabathi

Umhla wama-20 kuTshazimpuzi kowama-2021

Ukubalisa amabali yinxenye ebalulekileyo yobomi babantwana nabantu abadala. Abantu abadala bayakuthanda ukubalisa amabali, yaye nabantwana bayakuthanda ukuva amabali! Amabali asetyenziselwa ukudlulisa imbali namasiko eentsapho nawasekuhlaleni. NgoSuku lokuBaliswa kwaMabali kwiHlabathi, abantu babalisa baze baphulaphule amabali ngeelwimi ezininzi kangangoko benakho.

World Poetry Day

21 March 2021

Poems help us write down our deepest thoughts and feelings. They use rhythm, rhyme, sounds and words to help us think about things in a different way. Poems can make us feel happy or sad. It can be like a song which tells a story in a few words.

USuku lwemiBongo lweHlabathi

Umhla wama-21 kuTshazimpuzi kowama-2021

Imibongo isinceda ukuba sibhale phantsi iingcinga zethu ezinzulu kunye neemvakalelo. Isebenzisa isingqi, isingqisho, izandi namagama ukusinceda sicinge ngezinto ngendlela eyahlukileyo. Imibongo ingasenza sizive sonwabile okanye silusizi. Ingafana nengoma ebalisa ibali ngamagama ambalwa.



Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
 - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
 - b) Fold it in half again along the green dotted line.
 - c) Cut along the red dotted lines.



Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine


1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza iincwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
 - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
 - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
 - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your imagination

The following day Daisy climbed to the top of the chicken coop and – flap, flap, flap – she flapped her wings. She flew into the air and flapped her wings ... and flapped her wings ... and flapped her wings and ...

Ngosuku olulandelayo uDaisy wakhwela phezu, kwihoko yeenkukhu waze wabhakuzelisa amaphiko – bhaku, bhaku – wabhakuzelisa amaphiko akhe. Wabhahela emoyeni ebhakuzelisa amaphiko akhe ... waphindelela ebhakuzelisa amaphiko akhe ... waphinda kwakhona wabhakuzelisa amaphiko akhe waze wayokuwa ...



Lots more free books at bookdash.org

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liqhulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi




Drive your
imagination

Amazing Daisy!
uDaisy Omangalisayo!




Nozizwe Herero
Siya Masuku
Leona Ingram

“Soze ndikwazi ukubhabha!” walilela kuMama uDaisy. “Amanye amantshontsho anyanisi.” “Daisy, wohlukile wena kwamanye amantshontsho enkukhu. Ona akafuni kubhabha, kodwa wena uyafuna! Ungakwazi ukubhabha,” watsho uMama.



“I’m never going to fly!” Daisy cried to Mama. “The others are right.” “Daisy, you are different from the other chickens. They don’t want to fly, but you do! You can do it,” Mama said.

Once upon a time on a little farm near a little village, there lived a little chicken called Daisy.



Kudaladala kwifama encinane eyayikufutshane nelali encinane, kwakuhlala intshontsho lenkukhu elibizwa ngokuba nguDaisy.


The other chickens laughed out loud. “Ha, ha, ha! We told you! Chickens can’t fly!” Amanye amantshontsho enkukhu amwa ngentsini. “Ha, ha, ha! Besikuxelele! Inkukhu azikwazi kubhabha!”



And the other chickens wanted to be just like her. They said, “Oh Daisy, you’re amazing!”

Ngoku namanye amantshontsho enkukhu ayenqwenela ukubhabha njengaye. Athi, “Owu Daisy, uyamangalisa!”





COLLABORATE COMMUNITY PROJECTS

Learning: it's a key was created as part of the Dithakga tša Gobala project (2017). The aim of the project was to create wordless picture books based on stories sourced from parents and children in the Mamelodi community in Pretoria, South Africa. Wordless picture books allow readers to use the illustrations to create a story in a language of their choice. In this way, the project hopes to foster a love of books, reading and storytelling regardless of literacy levels, language preference and age.

www.collaboratecommunityprojects.org

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendiselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi







Drive your
imagination


Learning: it's a key


Ukufunda: sisitshixo

*Augustine Maibela • Mpho Maibela
• Lorraine Scheepers*










But the next day Daisy climbed even higher, right up to the top of the rondavel. Flap, flap, flap – Daisy flapped her wings.

Kodwa ngosuku olulandelayo uDaisy wakhwela karentabile. Bhaku, bhaku, bhaku – uDaisy wabhakuzelisa amaphiko akhe.



She would lift off the ground, but fall down again.

Wayebhabha nje umzuzwana asuke emlabeni, kodwa aphinde awele phantsi.



So ... Flap, flap, flap – every day Daisy would flap her wings.

Kwaghubeka ke ... bhaku, bhaku, bhaku – uDaisy wayebhakuzelisa amaphiko akhe yonke imihla.

“When I grow up, I want to fly high into the sky,” Daisy said.

“Xa ndimdala, ndifuna ukubhabha ndintingle phezulu esibhakabhakeni,” kwatsho uDaisy.



But all the other chickens laughed at her.

“You are so weird,” they said. “We won’t play with you anymore.”



Kodwa amanye amantshontsho asuka amhleka.


“Uyamangalisa ngokuba neminqweno nezimbo ezingaqhelekanga,” atsho amanye. “Sobe siphinde sidlale nawe thina.”



While she practised, she imagined herself flying high into the sky and looking at the chickens below. She imagined herself flying past the sparrows and past the swallows.

“Daisy, we can all flap our wings, but it’s very difficult for chickens to fly,” Mama told her.

“Daisy, sonke siyakwazi ukubhakuzelisa amaphiko ethu, kodwa kunzima kakhulu ukuba iinkukhu zibhabhe,” uMama watsho xa exelela uDaisy.




Daisy wouldn't give up. Every day she practised by herself, flapping her wings. Flap, flap, flap – she would flap her wings, but she couldn't get off the ground.

Kodwa uDaisy wayengafuni kuncama. Yonke imihla wayezama ukuziqeqesha eyedwa, abhakuzelise amaphiko akhe. Bhaku, bhaku, bhaku – wayebhakuzelisa amaphiko akhe, kodwa wayengakwazi ukuntinga asuke emhlabeni.



She flew into the air and flapped her wings ... and
flapped her wings ... and flapped her wings and ...



... she kept flying! The wind
beneath her wings grew stronger
and stronger and she flew higher
and higher!

The sparrows and the swallows said, “Amazing! A flying chicken!”

... tyhini, nanko eqhubeka ebhabha engawi! Umoya ophantsi kwamaphiko akhe waya usanda ngokwanda waze wamfukulela phezulu ze wabhabha entinga esiya phezulu nangakumbi!

Iingqabe kunye neenkonjane zathi, “Saza sawubona umhlola! Nantso inkukhu ibhabha!”

Get story active!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Na'ibali Supplement: *Amazing Daisy!* (pages 5, 6, 11 and 12), *Learning: it's a key* (pages 7 to 10) and *Snails have feelings too!* (page 14).

Amazing Daisy!

- ★ Pretend that you are Daisy. Try to think of a reason why Daisy kept trying to fly high, even when she wasn't yet able to. Write down your reason.
- ★ In the beginning, the other chickens said Daisy was weird to want to fly high into the sky. Together write down something you would like to ask or say to the other chickens in the story, to Mama and to Daisy.
- ★ What would you really like to be or do when you grow up? Draw a picture like the one on page 5 of the story, to show how you are now and how you want to be as an adult doing or being what you really like.



Yenza ibali linike umdla!


Nantsi imisebenzi onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali kolu papasho loHlelo lukaNa'ibali: *UDaisy Omangalisayo!* (iphepha lesi-5, lesi-6, le-11 nele-12), *Ukufunda: sisitshixo* (iphepha lesi-7 ukuya kwele-10) nelithi *linkumba zineemvakalelo nazo!* (iphepha le-15).

UDaisy Omangalisayo!

- ★ Yenza ngathi unguDaisy. Zama ukucinga ngesizathu esasisenza ukuba uDaisy athi rhoqo azame ukubhabhela phezulu nangona wayengekabi nako ukubhabha. Bhala phantsi isizathu sakho.
- ★ Ekuqaleni ezinye iinkukhu zathi uDaisy unezimbo ezingaqhelekanga xa efuna ukubhabhela phezulu esibhakabhakeni. Ninonke bhalani into eningathanda ukuyibuza okanye niyithethe kwezinye iinkukhu ebalini, kuMama nakuDaisy.
- ★ Eneneni ungathanda ukuba yintoni okanye wenze ntoni xa sowukhulile? Zoba umfanekiso ofana nalo ukwiphepha lesi-5 lebali, ukubonisa ukuba unjani ngoku, nokuba ufuna ukuba yintoni njengomntu omdala usenza okanye uyile nto ufuna ukuba yiyo.

Learning: it's a key

- ★ Put the pictures below in the correct order.



- ★ Look at the pictures and make up your own story about what is happening. How many languages can you use to tell your story?

Ukufunda: sisitshixo

- ★ Landelelanisa imifanekiso engezantsi ngokufanelekileyo.

- ★ Jonga imifanekiso uze uziyilele elakho ibali ngento eyenzekayo. Zingaphi iilwimi ongazisebenzisa ukubalisa ibali lakho?

Snails have feelings too!

- ★ Draw your favourite animal. Under your drawing, write a note about why you like this animal.
- ★ Imagine that a cat and a dog will be interviewed on the news. The reporter wants to know why cats and dogs don't like each other. What questions do you think the news reporter should ask? What answers do you think the cat and dog will give? Act out the interview with some friends.



linkumba zineemvakalelo nazo!

- ★ Zoba isilwanyana sakho osithandayo. Phantsi komfanekiso wakho, bhala inqaku ngokuba kutheni usithanda nje esi silwanyana.
- ★ Yiba nomfanekiso-ngqondweni wokuba ikati nenja ziza kuba nodliwanondlebe ezindabeni. Intatheli ifuna ukwazi ukuba kutheni ikati nenja zingovani. Ucinga ukuba intatheli kufanele ibuze imibuzo ethini? Ucinga ukuba ikati nenja ziza kunika iimpendulo ezithini? Dlalani udliwanondlebe nabanye abahlobo.



Snails have feelings too!



By Lori-Ann Preston ■ Illustrations by Chantelle and Burgen Thorne

The snails who lived in Mrs Mondliwa's garden were very unhappy.

"I'VE HAD IT!" grumbled Slimy Snail.

"Me too," agreed Speedy, his best friend. "Why can't we snails be liked more by the other garden bugs?"

"I'm fed up with all of this bad treatment," continued Slimy.

"Yeah, what's wrong with us?" asked Speedy.

"I have an idea. Let's get all the snails together and complain to the other bugs," suggested Slimy.

"That's a great idea," agreed Speedy. "We'll tell them that they have to like us more."

The next day, Speedy and Slimy and all the other snails met under the thorn bush to chat to the other garden bugs.

"We snails want to be shown some respect," said Speedy. "We also want all of you to like us more."

"NO WAY!" shouted Butterfly. "Snails are awful."

"YES!" agreed Bee. "Snails must buzz off."

"You're a nuisance," added Caterpillar.

"But what have we ever done wrong?" asked Slimy.

"WHAT! Just look at this bruise on my leg," began Grasshopper. "Do you know how I got it? From snails! You snails slither your slime all over the place causing us to slip and hurt ourselves. Do you have any idea how slippery that stuff is?"

"We're so small, we get stuck in your slime," added Queen Ant.

"Oh dear!" said the snails surprised. "We had no idea."

"And that's not all," Caterpillar said. "Do you know what traffic jams you cause? You snails are sooooo slow."

"And *that's* not all," added Butterfly. "Could you please stop eating all the flowers? You are destroying our beautiful garden."

The snails felt awful. They had no idea they were causing so many problems. The little snails felt so bad that they began to cry.



"There must be something good about snails?" Slimy pleaded.

The other bugs were silent. They thought and thought about what might be good about snails.

Eventually, Butterfly said, "NOPE! Sorry, but you snails are just awful. There is not one good thing about you!"

"In fact, we think all the snails should leave the garden. The rest of us have had enough!" added Worm, even though he was quite slimy himself.

"SNAILS OUT! SNAILS OUT!" the bugs began to chant.

"Wait, wait," said Slimy. "Give us a chance."

"Yes," said Speedy. "Give us a chance and we'll prove that snails can do some good."

The bugs thought for a moment. "Very well then," they agreed. "You have two days to prove to us that you are useful, or else, goodbye!"

After the bugs had gone back to their parts of the garden, the snails sat and thought and thought.

"How about we learn to run?" suggested Speedy.

"Great idea," agreed Slimy. "Come on, snails, let's get fit!" The snails spent the whole day training, but unfortunately, they found running impossible.

"Oh no!" said the oldest snail. "Now what? We have to come up with an idea that will make the other bugs like us."

"I've got it!" said Slimy. "Let's try eating weeds instead of flowers."

"Okay, why not?" agreed the others. So, the snails tried to eat only the weeds in the garden.

"Oh no, this is not going to work. Weeds taste TERRIBLE!" said Speedy after a little while.



The snails felt very sad. Some even started to pack up their homes to leave.

"Hey, I've got an idea," giggled Simphiwe, the youngest snail. "I need you all to meet me at the top of the anthill."

"Are you crazy? It'll take us all day to climb up there," said Slimy.

"Trust me," said Simphiwe.

Two days passed and the snails finally made it to the top of the anthill. The other bugs gathered at the foot of the anthill to see what the snails were up to.

"So, what's your great idea?" they demanded.

"Well, um ..." said Simphiwe.

"Yes?" said the other bugs.

"You'll definitely let us stay when you see what we've made," said Simphiwe.

The other bugs stood completely still, their eyes glued to Simphiwe.

"Ta-da," said Simphiwe moving towards the slope of the anthill. "We've made you the most wonderful SLIPPERY SLIDE from all of our snail slime!"

There was a long pause as the bugs all thought about this idea.

"COOOOOL!" they agreed. "Let's try it out."

And they did. The bugs all took it in turn to slide down the gooey slippery slide. It was loads of fun. Everyone loved the slide and so it was decided that the snails could definitely stay in the garden!



Drive your
imagination



inkumba zineemvakalelo nazo!



Indawo
Yamabali

Libali likaLori-Ann Preston Imifanekiso izotywe nguChantelle noBürgen Thorne

inkumba ezazihlala kwisitiya sikaNkosikazi uMondliwa zazingonwabanga kwaphela.

"NDANELE!" wambombozela watsho uSlimy.

"Nam ngokunjalo," wavumelana naye uSpeedy, umhlobo wakhe osenyongweni.

"Kutheni thina zinkumba singathandwa ngakumbi zezinye izinambuzane zasesitiyeni?"

"Ndikruquke kwade kwathi pheza koku kuphatheka kakubi," waqhubeka watsho uSlimy.

"Ewe, yintoni le ingalunganga ngathi?" wabuza uSpeedy.

"Ndinecebo, masiqokelelane sonke siziinkumba size sikhaleze kwezinye izinambuzane," wacebisa uSlimy.

"Ngumbono omhle kakhulu lowo," wavuma uSpeedy. "Siza kuzixelela ukuba kufuneka zisithande nathi."

Ngosuku olulandelayo, uSpeedy noSlimy nazo zonke ezinye iinkumba zahlangana phantsi komthi onameva ukuzokuncokola nezinye izinambuzane zasesitiyeni.

"Thina zinkumba sifuna ukuboniswa intlonipho," watsho uSpeedy. "Kwakhona sifuna nonke nisithande nathi."

"SOZE!" wakhwaza uBhabhathane. "inkumba ziyonyanyeka."

"EWE!" wavumelana naye uNyosi. "inkumba mazimke."

"Niyinkathazo," wongeza uMbungu.

"Kodwa sakha sona ntoni?" wabuza uSlimy.

"INTONI! Jonga nje lo mgruzuko usemlenzeni wam," waqalisa uNtethe. "Niyazi ukuba ndawufumana njani? Kwiinkumba! Nina zinkumba nidyobha yonke le ndawo ngodaka lwenu nisenze sityibilike size sizonzakalise. Niyazi ukuba laa nto ityibilikisa njani?"

"Sibancinane thina, siyaxinga kudaka lwenu," wongeza uKumkanikazi uMbovane.

"Hayibo!" zatsho iinkumba zimangalisekile. "Besingazi."

"Yaye akukuphela koko," watsho uMbungu. "Niyayazi ingxinano eniyenzayo endleleni? Nina zinkumba niyacooootha."

"Yaye akuphelelanga futshi koko," wongeza uBhabhathane. "Ninganceda nipheze ukutya zonke iintyatyambo? Niyasitshabalalisa isitiya sethu esihle."

inkumba zeva kakubi. Zazingazi ukuba zazisenza iingxaki ezininzi kangako. inkumba ezincinane zaziva kabuhlungu kangokuba zaqalisa ukulila.



"Inokuba ingakhona into elungileyo ngeenkumba?" wafana watsho uSlimy ngelicengayo.

Ezinye izinambuzane zazithe cwaka. Zacinga, zacinga ngento enokuba ilungile ngeenkumba.

Ekugqibeleni uBhabhathane wathi, "HAYI! Uxolo, kodwa nina zinkumba anithandeki niyonyanyeka. Akukho nenye into elungileyo ngani!"

"Eeneneni, sicinga ukuba zonke iinkumba kufanele ukuba zimke esitiyeni. Thina sanele!" wongeza uMsundululu, nakuba nje naye wayenolwakhe udaka.

"IINKUMBA MAZIPHUME! IINKUMBA MAZIPHUME!" izinambuzane zaqalisa ukucula.

"Khanime, khanime," watsho uSlimy. "Khanisinike ithuba."

"Ewe," watsho uSpeedy. "Khanisinike ithuba, siza kubonisa ukuba iinkumba zingakwenza okulungileyo."

Izinambuzane zacinga okomzuzwana. "Kulungile ke," zavuma. "Nineentsuku ezimbini ukusibonisa ukuba niluncedo, okanye, nihambe kakuhle!"

Emva kokuba izinambuzane zibuyele kwindawo yazo esitiyeni, iinkumba zahla zacinga, zacinga.

"Kunganjani ukuba sifunda ukubaleka?" wacebisa uSpeedy.

"Ngumbono omhle lowo," wavuma uSlimy. "Yizani zinkumba, masizomeleze!" inkumba zachitha usuku lonke zizilolonga. Kodwa ngelishwa, zafumanisa ukuba akukwazeki ukubaleka.

"Owu bethuna!" yatsho eyona nkumba indala. "Ngoku ithini into? Kufuneka size necebo eliza kwenza ezinye izinambuzane zisithande."

"Ndilifumene!" watsho uSlimy. "Masizame ukutya ukhula endaweni yeentyatyambo."

"Kulungile, singazami nje?" zavuma ezinye. Ngoko ke, iinkumba zazama ukutya ukhula kuphela esitiyeni.

"Owu ngekhe, ayizukusebenza le nto. Ukhula luvakala LULUBI" watsho uSpeedy emva kwexeshana.



inkumba zaziva zilusizi kakhulu. Ezinye zaseziqalisile ukupakisha amakhaya azo ukuze zihambe.

"Yheyi, ndinecebo," wagigitheka uSimphiwe, eyona nkumba incinane. "Ndifuna nonke nidibane nam phezu kwesiduli."

"Uyagula? Kwakusithatha imini yonke ukunyuka siye apho," watsho uSlimy.

"Ndithembeni," watsho uSimphiwe.

Zadlula iintsuku ezimbini zada ekugqibeleni iinkumba zaya kufikelela phezulu esidulini. Ezinye izinambuzane zaqokelelana enyeleni yesiduli ukuyobona ukuba iinkumba zazize nantoni na.

"Ngoku ke, cebo lini eli lihle ninalo?" zafuna ukwazi.

"Eeeee ... mm ..." watsho uSimphiwe.

"Yheeeee?" zatsho ezinye izinambuzane.

"Ngokuqinisekileyo nakusiyeka sihlale xa nibona ukuba senze ntoni," wabhengeza uSimphiwe.

Ezinye izinambuzane zema ngx, amehlo azo ethe ntsho kuSimphiwe.

"Tha-da," watsho uSimphiwe esiya ngakwithambeka lesiduli. "Sinenzele owakha wamangalisa UMTYIBILIZI ngalo lonke udaka lwethu!"

Kwabakho ukuthi nqumama ixeshana njengoko izinambuzane zonke zazicinga ngale mbono.

"KWAKUJHLE KE!" bavumelana. "Masiwulinge."

Baze benjenjalo. Izinambuzane zonke zaboilekisa ukutshibiliza ukhula kuloo mtyibilizi. Yayilulonwabo olungathethekiyo. Zonke zawuthanda umtyibilizi kwaza kwagqitywa kwelokuba iinkumba ngokuqinisekileyo zazinokuhlala esitiyeni!



Drive your
imagination

Nal'ibali fun

Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali

1.

Do you know the names of all 11 official languages in South Africa? Unjumble the letters below and then write down the name of each language.



Uyawazi amagama azo zonke iilwimi ezisemthethweni ezili-11 eMzantsi Afrika? Lungelelanisa bonke oonobumba abaxubeneyo ngezantsi uze ubhale igama lolwimi ngalunye emgceni osembindini.

TVSEHAIND

STSAEWAN

IWSIAST

FARSIKAAN

HISIXAOS

PSEIED

BISINEDLEE

NIGHESL

OSTSOHE

TXISGNOA

UZIILU

TVSEHAINDI

SITSAEWAN

IWISIAST

ISFARISIKAANIS

SOHISXIA

PSEIED

SNIEBIELDE

SESNIGII

OSTISOHE

TXISIGNOA

UZIILU

2.

The word in each speech bubble means "Hello" in a different language. Write the name of the language on the line in the speech bubble. (There are some languages that use the same word to say "Hello". Write the names of all the languages that use that word inside the bubble.)



Igama ngalinye kwiqam lentetho lithetha ukuthi "Molo" ngolwimi olwahlukileyo. Bhala igama lolwimi emgceni okwiqam lentetho. (Kukho iilwimi ezisebenzisa igama elinye ukuthi "Molo." Bhala amagama azo zonke iilwimi ezisebenzisa elo gama phakathi kwiqam lentetho.)

Lotjhani!

Dumela!

Molo!

Sawubona!

Hallo!

Hello!

Avuxeni!

Ndaa!/Aa!

Answers: 1. Tshivenda, Setswana, Siswati, Afrikaans, Isixhosa, Sepedi, IsiNdebele, English, Xitsonga, Isizulu; 2. Lotjhani! - IsiNdebele; Molo! - Isixhosa; Hello! - Afrikaans; Dumela! - Sepedi, Sesotho and Setswana; Sawubona! - Siswati and Isizulu; Hello! - English; Avuxeni! - Xitsonga; Ndaa!/Aa! - Tshivenda; Lotjhani! - IsiNdebele; Dumela! - Sepedi, Sesotho kunye neSetswana; Sawubona! - Isiswati neIsizulu; Hello - Isingesi; Avuxeni - Xitsonga; Ndaa/Aa! - Tshivenda; Isixhosa.



Nal'ibali is here to motivate and support you. Contact us in any of these ways:

AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. Qhagamshelana nathi nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:



www.nalibali.org



www.nalibali.mobi



nalibaliSA



@nalibaliSA



@nalibaliSA



info@nalibali.org

Produced by The Nal'ibali Trust. Translation by Sindiswa Mbokodi. Nal'ibali character illustrations by Rico.

RISING SUN

PROTEA

RECORD

EYETHU

Bonus

LENTSWE

RIDGE TIMES



Drive your imagination

